A-A,—ZANZOLO !




*"NgumƁeka ntʃiyini ɓath' u qumbile*
*Inkunz' aɓayikhuz' ukuhlaɓ' ingekahlaɓi!"*

# U-MHLEKAZI U-HINTSA

*Um-Ɓongo owaʃiya iziɓongo zamadoda ngomnyaka we 1937.*

NGU

S. E. KΓUNE MQHAYI

*ImBongi ye Sizwe Jikelele.*

Printed by
The Lovedale Press.

## INTΣAYELELO.

Kule Nkuphiswano yalo mnyaka we 1936 ye May Esther Bedford Prize Essay ndiбeka le migcana imбalwa ingom Hlekazi uHintsa.

Izizwe ezithe zakhankanyeka ekuhambeni kwezi " Бongo " ezi maze zingakhe nakancinane zicinge okokuбa ndicukuceza okanye ndinolunya ngoбunto eziбuбo namhlanje.

Nomphunga endithetha ngawo ngowelo thuбa ngalinye ndithetha kukulo.

Yakuбa lemigcana ithe yafumana ibaso eliphambili, sicinge ukuбa masise siyenza iбonwe ngaбaniniyo, aбa lilizwe lasema Xhoseni.

Nantso ke mathol'amawaбa!

Owenu izolo nezolo,

*S. E. Kʃune Mqhayi,*

E-Ntabozuko,
Berlin, C.P.

KILLIE CAMPBELL AFRICANA LIBRARY
DURBAN

# U HINTSA.

Zifikil' iimini! zifikil' iimini!
Zifikil' iimini zokukhunjulwa kuka Hintsa."
UHintsa lo ngoka Khawuta ka Gcaleka,
UGcaleka lo ngoka Phalo ka Tʃhiwo,
UTʃhiwo lo ngoka Ngconde ka Togu.
Ulifincil' ikhulu leminyaka wafayo,
Kok' usatheth' iint' ezinkul' ezizweni zomhlaбa,
Kuba kaloku thina kwa Xhosa,
Sigwetywa ngovuko lwaбafileyo.
Iyaf' indod' ibuy' ivuke,
Ivuk' indod' iz' ibuy' ife,
Zakufik' iimini zokuthetha kwamathambo.
Zifikil' iimini zesiɼoɼo so Ṇobutho;
U Gangath' ilizwe libe ngumgangatho,
UMamkeli wezizwe ngezizwe,
Ikhaya leentlanga ngeentlanga;
Uyise weendwadunge ngeendwadunge.
Mбongen' uHintsa zizwe zomhlaba!
MaBilitani nithe cwaka nganina?
Hinani na nina ma Mfengu!
MaBomvana ningaбi niyalibala,
Nani be Suthu base Qhudeni,
Ningathi cwaka na mhla ngo Hintsa?
Mhla kuthethwa ngaye mhla ngeemini zakhe?
Phendula mfondini wase Mafukweni!
Andithethi nto ngawe wena wakwa Tʃhiwo,
Kwa Ngconde kwa Бutsolo бentonga,
Nina zikɼwalaxu zamadoda;

Kwa zinja ziyaluma ziyavungama,
Ziya ɓusa nazo ngokukhonkotha;
Kuba zithi hau hau xa zibon' umnt' ozayo!
Nina ɓakwa Ntsinga ka Nomagwayi wase Mbo;
Nina ma Ɓandla asekuNene,
Zifikil' iimini zomfo ka Khawuta,
Zifikil' iimini zesi ɾoɾo soNoɓutho.

KUNI MA BILITANI:
Nina magwangq' akoNiɓe,
Nkomo zilwa ngezulu;
Zimnqay' ubanjwa ngazibini;
Uphum' imisi nemililo yengozi,
Mnqay' ungazulu lingqeɾeza,
Ong' uyalatha kant' ugqiɓile.
Wonakalis' umzimba nomxhelo.
Khe ndamdel' umʃungu ndithi yinkwenkwe;
Kant' umlungu yindod' ikuqhelil' ukuphendula.
Kant' umlungu yindod' ikuqhelil' ukubuzela.
Anixhomelananga makwapha noHintsa;
Aniɓangisananga ngamida naye;
Aninyathelananga nakoo bontsi;
Aniɓambelananga nanqala.
Liphin' ithaf' enikhe nadlala kulo?
Nokuɓa ngummango nokuɓa lihlathi?
Asikwa nguye n' ozithobe walixhwane?
Ixhwane lomɓingo ledini lesizwe?
Umnikelo wakusasa nowangokuhlwa.
Zath' izinci zakhe zathozama,
Zalal' umlala kany' emva kwakhe.
Ngoko mɓongen' uHintsa maBilitani!
Thethani kamnandi ngezenzo zakhe!



Ngezenzo zakhe koo Sho noo Hagile.
Ngezenzo zakhe koo Elefu noo Lampulao;
Nifundis' izizamva ngoxolo,—
Neentlanga ntlangan' eziphantsi kwenu,
Zilenze likhul' igama lakhe,
Zilandel' amawak' aliʃumi,
Abekwe nini tanc' esandleni,
NgoHints' owatheth' ese Gcuwa,
Wamkel' iLizwi neMfundo,
Wahlamb' izizw' ezinee mvanya,
Wayigqibel' inteth' ese Nqabara,
Waqoqoʃa waphetha wecwaka,
Asaba saphind' ukumbona.

KUNI MANGWANE:
Zatʃho kabuhlung' eMbolompo,
Zatʃho' emantlok' oMthatha!
Mhla waphel' uNomgogwana,
Unomgogwan' omkhulu weMfecane.
UHints' ulilelwe ngaɓa Thembu,
Ɓathi nceda Ɓawo safa,
IMfecane iphezu kwethu;
Izigqiɓile nezizwe.
Sisuke sem' isiɾoɾo,
Senz' umpongampo wekhwelo,
Lawel' imilamb' enamagama,
Limemez' izinja zaso;
Zeza zigajula zigqakadula,
Zikhupe neelwimi kukudinwa.
Zikwalapho nezakho Nibe,—
ImiNgcangatelw' emhlophe yako Qina
Zamgodus' uMatiwane nonina,

Sajong' eMpum' isifombo soMasumpa!
Semka sincamile sisithi, "Hay, ubuNguni!
Wath' unina "Ngangikuxelela mntan' ami,
Ngithi naɓafileyo ɓayavuk' eBuNguni."
Wasal' uThunyisw' ezalelwa kwa Hintsa,
Kuz' aɓe yinganga yase buNguni.
Onk' amabanjwa athwalwa ngu Hintsa,
Wahamba lula owase Britani.
Konk'oko kwathwalwa sisiɼoɼo,
Sis' esatyisa sondla, sanqaka;
Kwaphum' amanene namanenekazi;
Kwadudwa kwendiswa kwayola.
Wenz' izinhanha zamaphakathi kwakuni;
Nanamhl' asazathuz' ezinkundleni,
Asacebis' amaceɓ' ema Bhungeni.
MƂongeni ma Ngwan' unyana ka Khawuta.
Siɓongen' isiɼoɼo soNobutho.
"Ngwan' ephantsi siyakumlandela!"
Ngamawak' aliʃumi laɓanempondwana."

KUNI ƂA THEMBU:

Taɼuni mabandla ka Zondwa,
Lusapho luka Hala luka Madiba,
Nani ma Qwath' amahle nama Gcina.
Lent' indod' ivunywa kwakuɓa phina
Asithin' uNdaɓ' uzek' uBede,—
Waxunyw' eɓukhwen' ukuze nimqonde?
Echitwe zingxabano zenu,
Weza kwa Γaɼaɓ' izinci zethu,
Naqal' ukumqond' int' ayiyo.
Wemk' egqakadula mhla namphuthuma,



Wayeze limnyama limkhohlile.
EkaNongxokozelo masiyiʃiye,
Yeyabantu nobukhozi ɓaɓo.
Hay' kodw' intaba ka Mantentente!
Σwaka emini ɓesiɓasukela!
Hay' kodw' umfundis' uHagile,
Weza noxolo besifun' uxolo,
Siluwelel' imilamb' enamagama.
Taɼuni maɓandla ka Bomoyi!
Id' ivunywe ninin' indoda kowayo,
Ikhutʃelw' amawak' aliʃumi enkomo?

KUNI MA BOMVANA:

Ivela kude kakhul' imbali yenu,—
Imbali yenu no Soɼaɼoɓa.
Uzigodlwana zemaz' endala,
Zingalal' endle kunyembelekile.
Niyakundiva kakuhle ke nina,—
Nindive kamnandi kanjalo,
Ndakuthi khumbulan' imihla,
Nyakana kwaf' uNgqungquʃe,
Lafiingiz' amafu lonk' elakwa Ndayeni,
Lakwa Mkhondwane kwa Hlambangoɓuɓende.
Aqul' amaqhaji eniqulela,—
Amnyam' amehl' enu linikhohlile,
Kway' ukufa kuniɼawule macala.
Akavelang' eloxeʃan' uZanzolo?
Wakhanyis' uɓumnyama ɓagxothwa,
Wolul' iphik' elide nazuz' umqolomba?
Zehl' izibilini zaphel' izinqhala?
Aqal' amaxeg' enu anibalisela?

Anenzel' iintsomi namanqhuɓakazi!
Waqal' umlisela waɓongisela,
Nomthinjana wenz' izango zeengoma.
Mhla ngemini embi mhla ngo gqumgqekɼe!
Mhla zavel' izizwe zaman' ukunqanuka,
Zaqula zagqiɓa zanqen' ukusuka,
Zicelwa ɓukhali ngaɓakwa Ndayeni,
Zithenjisw' ezikhul' izithaɓathaɓa,
Wanqen' uNguɓenchuka namaNgolothi,
Anqen' amaBac' ukuphuthuma!
Anqen' amaXesiɓ' ukuzixhokonxela.
Yayimbondembonde kwelakwa Nyawuza!
Axhoɓ'efohlel' amaqhaji namhla!
Zaye zim' indwalutho zika Zanzolo,
Zimi ngokwenkabi zakowazo
Ziqul' iintʃuntʃe namakɼwana,
Zisimelela nge ngomncam,
Zivum' iGwatyu noSidyume,
Zijong' int' ephandl' iliso lakhe,
Elo liso lingagqange lomlilo.
Ngoko lusapho lukaGambuʃe Komkhulu!
Ɓantwana ɓomz' omhle ka Jalamba!
Ɓaɓaliselen' oonyana ngezo ziganeko.
Aɓemkhul' uZanzolo kwelakwa Ɓomvana.
Uhlwath' olumadolo luka Khala!
Ofanelw' ukubongwa nethambo lakhe!
Amawak' aliʃumi angaɓi ntoyanto,—
Amawak' aliʃumi aɓanamev' entloko
Silapha nje kweli Xhoɼa kungaye,
"Nanamhl' akukaɓi ndaɓa zalutho."



KUNI MABANDLA KA ZULU:
Yaatyapha kamb' iminyanya,—
Yakowenu kwa Senzangakhona.
Kwa Phunga kwa Mageɓa komkhulu,
Iminyany' akwa Zulu ka Malandela.
Yatyaph' ukunimisa ningeka gaɓadeli,
Niɓon' iliso lika Zanzolo.
Ɓeniya kwenz' inxetyan' elingeni,
Elingange lengw' endlovini,
Eliya kuphola ngalusuku lunye.
Uɓ' eyintonin' umphathi mikhos' ekumkanini?
Wayengayikuz' aphind' awel' uMfolozi,
Wayengayikuz' aphind' awubon' uMzimkhulu,
Wayeya kugqibelis' ilanga no Tsukela,
Ngekungekho sizwe sakwa Zulu.
Nani mɓulelen' uNkulunkulu,
Onophul' eziko lomlilo nizoja,
Nixel' uvivingane luzitʃaɓalalisa.
Wanikhup' ezinkalakahleni ze buɓesi,
Wanenz' isizwe nohlang' olukhulu,
Naduma nacand' izwe nezizwe,
Nade nanga seningangaye noPhalo.
Makaɓulelw' uNkulunkulu kwa Zulu!
Aɓe mkul' uSiʃak' asiʃayeki,
Ulemɓe leq' amany' amayembe,
Nisiɓalisel' isizukulu ngo Hintsa.
Simlize ngeenkulungwan' eziliʃumi zezinkomo.

KUNI MA MFENGU:
Utʃhaba luka Hintsa maluɓe lutʃhaɓa lwenu!
Isihlobo sakhe sibe sesenu.
Nditʃho lula kuɓa nin' aɓaziyo,

Nanivel' eMbo mini nafika,
Emantlok' oTsukela no Mzinyathi,
Naaʃiy' ingxokolo yase Nkandla,
Naaʃiy' iintsaɓa' ezintle zeSandlaluɓe;
Naabungc' ekƒelen' eMhlathuza;
Naphakathi kweentup' eMphanza!
Nafik' ezizweni zanibebetha!
Ɓath' aɓa Thembu "Hayini niza no Tʃhaka!"
At' ama Mpondo "Dlulani nathi sizinikele!"
Zakhal' izizwana zatʃho ngenzwinini!
Wath' umnt' eɓu Nguni!"
Wath' umnt' eɓu Nguni"
"Kulaph' usizo lukhona,
Usizo lwembacu neemfaqala,—
Yiwani nijong' eɓu Nguni!!!"
Ngenkolo najonga, ngenkolo nasinda!
Nafikel' ekhay' eɓukumkanini,
Nakhutʃhwa' udaka, nencha, nemithi.
Nafakw' amasi, nenyama, nokutya.
Nadla nahlutha nadlambadlambeka,
Zaliɓalek' iimini zothuli nomkhonto.
Senqadalala sem' iSiʃaka,—
Amaɓandl' eMbumbul' ecim' umulilo,
Acinga kabini kathathu,
Ecinga ngokunzulu kanjalo,
Athumel' umthunyw' eBilitani.
Ezam' iceɓokaz' elikhulu,—
Kuɓ' iSiʃaka sasiɓona kamhlophe,
Ukuth' oko mkhont' akakulungelwa.
Ingqondi zawo zaziwaxelela,
Izilumko zawo zaziwaceɓisa,
Zisith' uɓu Nguni yintaɓalala yolwandle



Oweyela khon' akaphindi aɓuye.
Uɓu Nguni ke ngu Zanzolo ka Khawuta,
Int' enezithanga zoɓu kumkani,
Int' enama Ndluntʃa nama Jingqi,
Int' enama Mbombo nama Tsonyana,
Enama Gojela nemi Ngcangatelo,
Amaɓandla ka Ngconde weentʃaɓa.
Amaɓandla ka Ɓutsolo ɓeentonga.
Ndith' athumel' izithunyw eBilitani,—
Kwa kwawa koweth' ako Nibe,
Oo Qhina ka Qhonono ɓemi Ngcangatelo,
Athi "Velani nina ngase Ntʃona,
"Thina sivele ngase Mpuma,
"Umhlaba yoba ngowenu,
Inkomo zoba zezethu!"
Weva ngempuml' uQhina ka Qhonono,
Wayiyek' ingako ingenampendula.
Sancam' iSiʃaka sika Senzangakhona,
Sancamela ku "Khukhulela ngoqo."
Imfazwe yomtwana, yexhego, yeqhaji!
Kuz' amakowas' asigwaze ngasemva.
Yonwaɓani ma Mfengu niliɓandla lika Hintsa
Nakuman' ukumkhumbula nakulungelwa!
Hlez' iʃologu lininikel' umva.
Nakumphatha xa niya kwa Thixo,—
Engumntu ka Thixo yena ngokwakhe.
Waɓa likhaya ngeemin' ezimbi,
Waɓa lixhatha ngemihl' enzima,
Luhlwath' olumadolo luka Khala,
Ngu Zanzolo eliɓizwa ngasemva!

TAΓUNI MABANDLA ASE KUNENE!

Sitʃho kuni maɓandla ka Γaɼaɓe !
Ka Ham ham ka Sitʃheketʃhe !
Ka Sambatha zimfutʃhane kanti zomlingana,
Kub' ezinkul' ethi zimfihl' amadolo.
Ngwevu zase Mnqaɓa ngu Gqupu noQaɓaqaɓa.
Sasingaze ngamfazw' eMalinde,
Izwe lalimagad' ahlabayo,
Ndandize kugangatha lona,
Ndemka zilungil' izinto
Inqhina neNtaba ka Ndoda.
Ut' oka Lose yenzan' isi Khumbuzo,
Oka Lose nditʃh' uZam' ukulungisa !
Wayesitʃh' uBusoɓengwe ngesiqu,—
Inkos' emhlophe yakwa Gcaleka.
Ɓathi diɓana Mfengu nom Xhosa !
Nenz' esika Hints' isi Khumbuzo.
Nenz' isihikahi sohlanga,
Angaz' alityalwe kwa Xhosa,
Lingaze lif' iGama lakh' elihle,
Elibalwe nasezincwadini zaɓelungu.
Taɼuni ɓafondini ɓasemlungwini!
Nenzela nin' ukusifudumeza singamaxhego,
Amaxeg' amaXhosa afun' ukuphoziswa.
Taɼuni zizwe ngokuni khankanya!
Akungandelo kungenzukiso.
Lomfo ka Khawuta makaɓe nomhla wakhe,—
Alizwe yi Afrik' iphela,
Kub' umlung' imfunde ngaye,—
Zazuz' izizwe, wahliniveka yena.
Ngoko masenz' uqilima nge Mfundo,
Masenz' uqilima ngeze Ntlalo,



Masenz' uqilima nge Lizwi,
Siɓe ke sikholis' uZanzolo,—
Ne Nkosi yakh' ezi Qu zi Thathu.
Ahlal' esijongil' eNyangwaneni,
Kuɓ' asiɓantu ɓafayo thina ma Xhosa.
Wasinqhinela nom Hlekaz' uMesiyasi,
Wath' uThix' aka Thixo waɓafileyo."
"Akufiwa akwendiswa,—
Kwelo Zwe lakwa Mendiswa!!!"
Ncincilili!!!

---

**INKCAZELO EMFUTΣANE**

*Zifikil' iimini*—Iminyaka ngo 1935 loɓe likhulu uHintsa efile.

*Ngovuko lwaɓafileyo*—Yinkolo endala yama Xhosa uvuko lwaɓafileyo.

*Magwangq' ako Niɓe*—UNo Niɓe ngumka Ngqika wase Xhiɓeni kulo Tyhali, athe amaNgesi akufika uNgqika wawanikela kuloo Nkosikazi ukuɓa iwagcine, iwondle.

*Zilandel' amawak' aliʃumi*—Kwisi Khumbuzo esifanelwe kukwenzelwa uHintsa, ama Britani afanelwe kuku khokela ezinye izizwe neentlanga.

*Isifombo*—Kutiwa uMatiwane wayesisiqololwane sesi fombo.

*Ngangikuxelela*—Phambi kweloduli lase Mbolompo ngowe 1827, unina ka Matiwana wayengamvumeli ukuɓa eze kwelicala, kuɓa izizwe zase Mpumalanga zazisoloko zinee ngcamango ezininzi ngeli lizwelase Bunguni,—emaXhoseni.

*u-Thunyiswa*—Le yeyona ncam yama Ngwane; izelwe emva kwelo Duli lase Mbolompo; kwathiwa ngu Thunyiswa kuɓa uMatiwana wayesithi,—"Asoyiswanga sisuke sathunyelwa ngezi Thunywa."

*uNdaƃ' uZek' uBede*—Inkosi enkulu yaƃa Thembu uNdaƃa wazek' inkosazana intombi ka Ɣaɼaƃe uBede; kwaza kwathi ngenxa yamaƃango aseƃa Thenjini, wakhe wanethuƃa ekweli laseƃukhweni ƃakhe.

*Σwak' emini*—Ngemfazwe ka Nongxokozelo aƃa Thembu ƃancedwa yimigongxo ekule Ntaƃa ka Mantentente ƃesukelwa ngama Gcaleka.

*MaƂomvana*—Ama Ƃomvana ngama Mpondo awacela ukukhuselwa ngu Hintsa ngexeʃa awayeza kuƃulawa kuƃa aƃulala uNgqungquʃe. Akuƃangako sizwe sivumayo ukuwanceda amaMpondo ukuphuthuma ama Ƃomvana ku Hintsa.

*Ezam' iceƃokaz' elikhulu*—UTʃhaka ukhe wathumela eBritani ecela ukuƃa ƃawahlanganyele amaXhosa ukuze ƃahlulelane ngexhoƃa leenkomo nomhlaƃa, — uMpande naye wakhe wasenza esisicelo; koko ayivumanga iBritani.

" *UKhukhulela ngoqo* " Yimfazwe yokugqiƃela ka Tʃhaka awathi ngomsindo, wathumela ukuƃa kuye nexhego nenkwenkwe kuyo; wakhukula wenjenjalo; kodwa waƃulawa kungekaƃi phi.

*Sasingaze ngamfazw' eMalinde*—Kwi Duli elali phakathi ko Ngqika noNdlambe eMalinde uHintsa wayezile; kodwa engaze kulwa eze kulamla ezele nokuƃeka uNgqika endaweni yakhe, ekwakuthe ngenxa yamandla akhe kwabonakala ukuba, iyaliƃaleka.

*OkaLose*—Rev B. J. Ross, owanikwa nguDr. W. B. Ɣuƃusana igama lesi Xhosa lokuƃa ngu Zam' ukulungisa.

*Busoƃengwe*—W. T. Brownlee, unyana omkhulu ka Naphakade, owayeselethe wadalwa waƃa yinkosi eƃuliswayo kwa Gcaleka. Kumzuzu ke lamadoda ekhala esithi, uHintsa makenzelwe isi Khumbuzo ngama Mfengu kunye nama Xhosa.

*Wahliniveka yena*—Ngenxa yoɼoɼozi lweemfazwe ezenziwe ngumXhosa nomlungu, athe amaXhosa atʃona kakhulu, zade ezinye izizwe zamkhangelela phantsi kakhulu,—apho ngezithe zamliza, kuƃa ziwafumene ngaye amava ngomlungu.